ISEBE LEZOQOQOSHO,

UPHUHLISO LWAMASHISHINI ASAKHASAYO,

EZOKHENKETHO

KUNYE NEZENDALO

IPHONDO LASE- FREISTATA

(DEPARTMENT OF ECONOMIC, SMALL BUSINESS DEVELOPMENT, TOURISM AND ENVIRONMENTAL AFFAIRS -DESTEA)

# INCWADI YOKUFIKELELEKA KOLWAZI

# INTSHAYELELO ESUKA KUSIHLALO WEBHODI

I-DESTEA, ngokuthobela i-Act ka- 2000 yencwadi yokufikeleleka kolwazi (i- Act yesibini ka 2000) ilungiselele lencwadi ukuze uwonke- wonke abenako ukufikelela kulwazi olugcinwe yi- DESTEA. Le ncwadi izakunika uwonke- wonke imigaqo ngendlela yokufumana ulwazi uluselugcinweni lwe- DESTEA. Oku kuzakunika uwonke- wonke ithuba lokuba abenegalelo kwizigqibo anokuzithatha xa ejongene ne- DESTEA.

Kunombono wokuba indlela esebenza ngayo i- DESTEA iyakuba yindlela enenkqubela ngokuthi kuqinisekiswe uwonke- wonke unendima ayidlalayo nto leyo iyakukhokelela ekubeni kungabikho mfihlakalo kwindlela esisebenza ngayo kwaye nezigqibo esizenzayo. I- DESTEA igunyaziswe ukuba iqinisekise ukusebenza kakuhle kukarhulumente, kulawulo kwaye ihlale ikwazi ukuphendula kwamibuzo uwonke- wonke anokuyibuza kuyo.

I-DESTEA iyavuma ukuba, nangona nje imithetho yolawulo kunye iphuhlisa ukukhanya kwindla yokusebenza, kungakhona ezenza i- DESTEA ingakwazi ukufezekisa ezinjongo. Ezizinto zinokuquka kuzo ezi zinto zilandelayo:

Ukhuselo lwezinto zangasese

Imiba ichaphazela ezorhwebo zangasese.

Imiba yangasese achaphazela uphatho kakuhle.

Ndiyafunga ndisithi i- DESTEA izakuzama ngako konke ukuqinisekisa ukuba akukho zithintelo ezithi zibekho ekufikelelekeni kolwazi kwaye siyakuzilandela iinqobo ezisemgangathweni kunye nesahluko sesibini soMgaqo siseko.

.................................................................

**MBULELO NOKWEQU(Dr)**
**IGOSA LEZOLWAZI**
**INTLOKO YESEBE: DESTEA**

**UMHLA:** 04/02/2020

## ISIQULATHO

**Ngokuthobela i-umthetho wecandelo le- 14 (Act 14) yencwadi yokufikeleleka kolwazi i- Act yesibini ka 2000 ("the Act") i- DESTEA yenza le ncwadi ifikeleleke kuwonke- wonke. Le ncwadi inceda uwonke- wonke aqondisise olu lwazi lulandelayo nge- DETEA:**

**(a) Umsebenzi wayo**

**(b) Ubume bayo obugqibeleleyo**

**(c) Iingxelo eziselugcinweni**

**(d) Ukufikeleleka kweengxelo**

**(e) Indlelo yokulandela xa ubani efuna ukufikelele kwiingxelo**

### 1. INJONGO

Injongo yelixwebhu kukuba libe yincwadi yokufikeleleka kulwazi olukwisebe lezophuhliso lwezoqoqosho ezokhenketho nezendalo ngokomiselo we- Act, kwaye ibesisikhokelo sokubonisa iingxelo eziselugcinweni kunye nendlela ubani amakayilandele xa ubani izifuna ezingxelo.

### 2. INTSHAYELELO

I-DESTEA inombono wokuphucula isimo sezezimali kuluntu ngokuphuhlisa ezoqoqosho kwaye kudaleke amathuba omsebenzi kuze kupheliswe nendlala apha kweliphondo le Freyi Stata.

Le ncwadi ineengxelo ezigcinwe yi- DESTEA kunye namanye amabakala asebenzisana nayo.

### ICANDELO I: UMNTU EKUQHANGAMSHELWANA NAYE KUNYE NEENKCUKACHA ZEDILESI

Ngokomiselo wecandelo le- 17 igosa lezolwazi lichonge isekela enkcukacha zalo zibhalwe ngezantsi ukuze liqinisekise ukuba uyalandelwa umthetho wencwadi:

| | |
|---|---|
| ekuqhagamshelwana naye | : Mr Mohau Rakaki |
| Idilesi | : 113 St Andrews Street |
| | : St Andrews Building |
| | : 4th Floor, Room 408 |

| | |
|---|---|
| | : Bloemfontein |
| | : 9300 |

| | |
|---|---|
| Idilesi yaseposi | : 113 St Andrews Street |
| | : Bloemfontein |
| | : 9300 |
| Umnxeba | : (051) 400 4712 |
| I-Fax | : (051) 400 9432 |
| Idilesi ye e- mail | : rakakim@destea.gov.za |

**ICANDELO II: ISIKHOKELO SENDLELA YOKUSEBENZISA I- ACT (ngokomiselo wecandlo le- 14 (1) (c), ngokuqulathwe kwicandelo 10)**

Ikhomishini Yamalungelo Abantu iqulunqa isikhokelo, ngokomselo wecandelo le- 10 le- Act, esiqulathe ulwazi ulunokuthi lufunwe ngubani onqwenenela ukusebenzisa amalungelo akule- Act. Esisikhokelo sapapashwa ngonyaka ka- 2005 kwaye singafumaneka kwi- website ye Komishini yoMzantsi Afrika Yamalungelo Abantu ku: www.sahrc.org.za, okanye umqulu ungafumaneka ngqo kwi Komishini yoMzantsi Afrika Yamalungelo Abantu.

Iinkcukacha zokuqhagamshelana ne Komishini Yamalungelo Abantu zezi zilandelayo:

| | |
|---|---|
| Idilesi | : The South African Human Rights Commission |
| | : PAIA Unit |
| | : The Research and Documentation Department |
| | : 29 Princess of Wales Terrace |
| | : Cur York and St. Andrews Street |
| | : Parktown |
| | : Johannesburg |
| Idilesi yaseposini | : Private Bag X 2700 |
| | : Houghton |
| | : 2041 |
| Umnxeba | : (011) 877 3821/3645 |
| I- Fax | : (011) 403 0668 |
| Idilesi ye- email | : tsebulela@sahrc.org.za |
| I- Website | : www.sahrc.org.za |

Sicela ujonge Icandelo le- 14 yawo onke amanqanaba njengoko kucetyisiwe.

**INGCACISO NGOBUME BESEBE**

Isebe liquka:

Ilungu lesigqeba: Kwezolawulo
Intloko yesebe: Kwezolawulo
Uphuhliso lwezamashishini asakhasayo
Ukumiswa ngokomthetho imiba yezoshishino
Uphuhliso lwezoqoqosho
Imiba yezendalo

**ICANDELO III: IINDIDI ZENGXELO EZIKHOYO (ngokutsho kwecandelo le- 14 (1) (e)**

Ezindidi zilandelayo zengxelo ziyafumaneka lula akunyanzelekanga ukuba ubani acele imvume yokuzibona ngokutsho kwe ACT.

1. Ezengqesho

- Isicwangciso sokulingana ngezengqesho
- Izicwangciso zokuphuhliswa kwezakhono ezinikelwe i- Sector Educators and Training (SETA)
- Imimiselo nemiqathango eqhelekileyo yezengqesho ichaphazelo bonke abasebenzi.

2. Inzuzo yezengqesho

- Ingxowa yomhlala- phantsi yabasebenzi bakarhulumente
- I- Medical Aid yabasebenzi baka rhulumente.

3. Abaphicothi beencwadi zemali

- Abaphiconthi beencwadi zemali ngabakwa- Auditor General, Zastron Street, Bloemfontein.

**ICANDELO IV: IINGXELO EZIKHOYO NGOKUNGQINELANA NOWISO MTHETHO (ngokumiselwe licandelo)**

Iingxelo ziyafumaneka, apho kudingeka khona, ngokungqinelana nezi ngongoma zilandelayo zowiso- mthetho woMzantsi Afrika (kuxhomekeka ukuba i- Act ethile izidiza kangakanani na iingxelo):

a. Umthetho wezempilo entle emsebenzini(Occupational Health and Safety Act No 29 of 1996);
b. Umthetho wezonxulumano ngezabasebenzi (Labour Relations Act 66 of 1995);
c. Umthetho wokulingana ngokwezengqesho (Employment Equity Act 55 of 1998);
d. Umthetho wezimo eziqhelekilo zengqesho (Basic Conditions of Employment Act 75 of 1997)

e. Umthetho wembuyekezo yomonzakalo emsebenzini kunye nokufumana iintsholongwane (Compensation for Occupational Injuries and Disease Act 130 of 1993);
f. Umthetho weenkampani (Companies Act 61 of 1973);
g. Umthetho wentlawulo xa ubani ethe waphulukana nomsebenzi (Unemployment Insurance Act 63 of 2001)
h. Umthetho werhafu yezinto ezithengwayo kunye neenkonzo (Value Added Tax Act 89 of 1991);
i. Umthetho werhafu yomrholo (Income tax act 58 of 1962);
j. Umthetho wophuhliso lwezakhono (Skills Development Act 9 of 1999)

**ICANDELO V: IINKCUKACHA YOKUNCEDISA XA KUTHE KWAKHO ISICELO SOKUFUMANA AMAXWEBHU (ngokufunwa licandela le- 29)**

Isicelo nasiphi na sokuthi ubani afumane iingxelo masifakwe ngokutyikitya uxwebhu lwe- form c (ikopi iyafumaneka apha kulencwadi) omaluthunyelwe kumntu ekuqhangamshelwana naye ogama lakhe kunye nedilesi zikhona kwalapha.

I- DESTEA, elugcinweni lwayo, inezindidi zeengxelo ngezingongoma zilandelayo:

**I-OFISI YENTLOKO YESEBE**

**a.** Uqhagamshelwano uluqhelekileyo
b. Iingxelo zangaphathi kwisebe kunye nonxibelelwano
c. Amaxwebhu enqubo
d. Amaxwebhu obuchule bokuphatha umsebenzi
e. Iingxelo ngezezimali
f. Iingxelo zomiselo lomthetho

**UMPHATHI WEZEZIMALI**

Icandelo lezezimali lilo elijongene nobume bezimali ze- DESTEA namanye amacandelo ayo. Ezingxelo ngezezimali zinoku kulandelayo:

a. Iingxelo zocwangciso- mali
b. Uqhagamshelwano uluqhelekileyo
c. Iingxelo zabaphathi
d. Iingxelo ze- PAYE
e. Iingxelo zomanyo
f. Iingxelo zangaphathi kwisebe kunye nonxibelelwano
g. Iingxelo zobugcisa
h. Iigxelo ngempatho yesebe
i. Iingxelo ngokuqwalaselwa kobungozi

j. Iingxelo ngolawulo oluqhelekileyo
k. Iingxelo ngezophicotho lweencwadi zemali
l. Amaxwebhu ngezezimali
m. Iingxelo zebhanki
n. Uxwebhu lwezinto ezithengekayo
o. izivumelwano zokuqasha indawo
p. Uluhlu lwezinto ezithengiweyo

## UPHICOTHO LWANGAPHAKATHI LWEENCWADI ZEZIMALI

Uphicotho lweencwadi zemali luyasetyenziswa ngabophicotho lweencwadi apha kwisebe. Umsebezi wabo kukunika isiqinisekiso sokuba amathuba obungozi aphethwe ngendlela ayamkelekileyo. Iingxelo zophicotho lwangaphakathi lweencwadi zemali ezingqamene nenkampani ziquka ezingongoma zilandelayo:

a. Uqhagamshelwano uluqhelekileyo
b. Iingxelo zabasebenzi eziselugcinweni
c. Iindlela zokuqhutywa kwemiba yabasebenzi
d. Iingxelo ngoqeqesho
e. Iingxelo ngezomhlala- phantsi kwabasebenzi
f. Iingxelo ngezenzuzo zabasebenzi
g. Ingxelo ngezentsebenzo
h. Iingxelo ezinyanzeliswa ngumthetho
i. Iingxelo ngokomiso lomthetho
j. Iingxelo ngezokulingana empangelweni
k. Izivumelwano zokuqasha indawo
l. Iingxelo ngezezimali zemirholo yabasebenzi

## IINKONZO ZOMTHETHO

Inkonzo yezomthetho inikeza ngoncedo ngezinto zomthetho kwi- DESTEA kunye namanye amaqumrhu ayo. Lenkonzo inoku kulandelayo;

a. Amaxwebhu okusebenza
b. Izivumelwano
c. Iingxelo sobume
d. Iingxelo zezimangalo
e. Amaxwebhu ezomthetho
f. Izimvo kwezomthetho
g. Ingxelo zangaphakathi esebeni kunye nonxibelelelwano

**EZENDALO NEZOLONDOLOZO**

Ubongameli bezendalo nokunonophela indalo buthi busingathe ii- workshop ngokusebenzisa imimiselo ye- EIA. Buye kwakhona bunike isigunyaziso ngokomiselo we NEMA. Ezingxelo ziselugcinweni:

a. Iingxelo ngentsebenziswano nowonke- wonke
b. Izicelo ze- EIA
c. Izivumelo zokuzingela
d. Iingxelo zezigqibo
e. Iingxelo zangaphakathi kunye nonxibelelwano

**UBONGAMELI BEZOPHUHLISO LWEZOQOQOSHO**

Ubongameli bezophuhliso lwezoqoqosho incedisa ekuphuhlisweni kwesimo seqoqosho soluntu lwase Freyi Stata ngokuqinisekisa ukuhla kweqondo lentlupheko kweliphondo. Obubongameli bugcina ezingxelo zilandelayo:

a. Uqhagamshelwano uluqhelekileyo
b. Iingxelo zemali kunye noqingqo mali
c. Iingxelo zangaphathi kwisebe kunye nonxibelelwano
d. Iingxelo zophenyo, amaxhwebhu kunye nemizobo
e. Iingxelo zabathengi
f. Ezabathengi
g. Inkundla yabathengi

**ICANDELO VI: UMGAQO WOKUFAKA ISICELO SOKUFUMANA ULWAZI KUNYE NEMIRHUMO EMISELWEYO**

Isicelo nasiphi na sokuthi ubani afumane iingxelo masifakwe ngokutyikitya uxwebhu lwe- form c (ikopi iyafumaneka apha kulencwadi) omaluthunyelwe kumntu ekuqhangamshelwana naye ogama lakhe kunye nedilesi zikhona kwalapha.

Sicela uqaphele ukuba kukho umrhumo wemali engange R57.00 (equka irhafu) ebhatalelekayo xa ubani efaka isicelo. Lomrhuma awuziquki izicelo ezithi zifake ngumntu ezifakela yena qwaba oku kuthetha ukuba ubani xa efaka isicelo esinamaxwebhu athetha ngaye.
Phantsi ke kwemeko apho isicelo esithe safakwa sithe sanempumelelo, umrhumo uyakuthi ke abhataleke apho kwaye lomrhumo iyakuba ngumrhumo emiselwe yi- Act. Lomrhumo kufanele ukuba ubhatalwe phambi kokuba ubani alifumane ixwebhu elo afake isicelo sokulifumana.

Isicelo sokufumana ulwazi siyakuthi sihlolwe kwaye lowo ufake isicelo uyakuphenduleka kungekapheli iintsuku ezingamashumi amathathu (30) emveni sifunyenwe isicelo sicelo eso kufuneka sime ngoluhlobo:

(a) Isicelo sokongeza ixesha (ukuba siyafuneka) i- Act, ezintsuku zingamashumi amathathu zichazwe apha ngentla zingongezwa kwakhona ngezinye ezingamashumi amathathu kwiimeko ezithile (iinkcukacha zakuthi zichazwe kunye nesicelo sokongeza)

(b) Umrhumo

i. Lowo athi afake isicelo uyakuthi achazelwe ngomrhumo othi ubhataleke xa ubani ufuna zona iingxelo. Kwakhona, idipozithi ingacelwa, kodwa iyabuyiswa apho kuthe kwenzeka isicelo sakhatywa.

(c) Isigqibo ngesicelo eso

Lowo uthe wafaka isicelo uyakuthi achazelwe ukuba isicelo sakhe sivunyiwe na okanye sithe sikhatywa. Ukuba kuthe kanti isicelo sivunyiwe, ubani ukuthi abhatale ke umrhumo okanye idiphozithi leyo. Ukuba ke kuthe isicelo sithe sakhatywa lowo ebefake isicelo uyakuxelelwa izizathu zoko kwaye acetyiswe ukuba ubani angaye nasezinkundleni apho kuyakuxoxwa ngokokukhatywa.

(d) Izizathu izinokubangela ukuba isicelo sikhatywe

ii. Isebe linelungelo lokuthi lisikhabe isicelo ngesizathu sokuba ulwazi olu luphantsi kwenqanaba elithile. Kungenzeka ukuba ulwazi olu luveza lwazi luthile ngobani, ukuquka umntu osele eswelekile.

iii. Ukukhusela ulwazi ngezorhwebo lwesebe. Into enokuthi ikhokelele ekubekeni emngciphekweni ulwazi olubalulekileyo lwezorhwebo lwesebe.

iv. Ukudizeka kwezigxelo kungadala ukubeka ebungozini ubomi bukabani

v. Ukudizeka kwezingxelo kungadala ucalu- calulo okanye umgcipheko wezinto ezithile;

vi. Ukuba udizo lwengxelo lungacalu- calula ubani okanye luphazimisane nokhuseleko lomnye umntu.

vii. Ukuba udizo lwengxelo lungacalu- calula ubani okanye luphazimisane nokhuseleko lukawonke- wonke.

viii. Ukuba ingxelo leyo isetyenziswa kwiingxoxo zomthetho, ngaphendleni kokuba oku akunjalo.

ix. Ukuba udizo lwalengxoxo lungabeka isebe emngciphekweni.

x. Ukuba igxelo inolwazi ulungophenyo ulwenziwayo okanye ulazakwenziwa ngegama lomnye umntu okanye isebe.

(e) Iingxelo ezingafumanekiyo okanye ezingazange zabakhona

Ukuba isebe lithe layikhangela ingxela kwaya isebe likholelwa ukuba ingxelo leyo zange yabakho okanye ayifumaneki, ofake isicelo uyakuthi aziswe ngoku ngokuthi kutyikitywe isifungo. Oku kuyakuquka amanyathelo afana nalawo ebethathiwe xa bekukhangelwa ingxelo.

(f) Iinkcukacha zomnye umntu

i. Ukuba isicelo sifakwe kwingxelo enenkcukacha zomnye umntu, isebe lizakunyanzeleka liqale lixelele lomntu malungana nesicelo eso. Le nto inika umntu lowo ithuba lokuba avume okanye ale ukuba kukhululwe ingxelo aze anike izizathu zokuba kutheni esala.
ii. Kwimeko apho lomntu uthe wazichaza izizathu zakhe zokuvuma okanye angavumi ukunika imvume, umntu wesebe uyakuziphicotha ezizizathu aze asenze ke isigqibo.

**IXWEBHU- C**

# ISICELO SOKUFUMANA AMAXWEBHU ESEBE

(Section 18(1) we- Promotion of Access to Information Act, 2000
(Act No.2 of 2000)

**[Regulation 10]**

## A. IINKCUKACHA ZESEBE

**Intloko**

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

## B. IINKCUKACHA ZALOWO UFAKA ISICELO SAMAXWEBHU

*(a)Iinkcukacha zalowo uthe wafaka isicelo mazinikezwe apha ezantsi*
*(b) Idilesi kunye okanye nenombolo ye- fax yelolizwe apho ulwazi ekufuneka luthunyelwe khona kufune zichazwe*
*(c) Isiqinisekiso sisizathu sesicelo kufuneka sichazwe.*

Amagama kunye nefani ____________________________________________
______________________________________________________________________
Inombolo yesazisi: ____________________________________________
Idilesi yokuposa:______________________________________________
______________________________________________________________________
____________________________________________________
______________________________ Inombolo ye-fax: ______________________
Inombolo yomnxeba: ________________ Idilesi ye- email: ______________________
Unobangela wokufaka isicelo, ukuba sifakwe egameni lomnye umntu:
______________________________________________________________________
______________________________________________________________________

## C. IINKCUKACHA ZALOWO KUFAKWA ISICELO NGEGAMA LAKHE

Elicandelo lingafakwa nje ukuba isicelo sifakwe egameni lomnye umntu.

Amagama nefani:______________________________________________

________________________Inombolo yesazisi:______________________________

## D. IINKCUKACHA ZENGXELO

(a)Chaza zonke iinkcukacha zengxelo leyo ifunwayo, uquke inombolo ye- reference ukuba ubani uyayazi, oku kuzakwenza kubelula ukuyifumana le ngxelo.
(b) Ukuba isithuba sokubhala osiniweyo asonelanga, ungabhala kwelinye elilelakho kodwa wakugqiba udibanisa apha kolu uxwebhu.

Ofaka isicelo unyanzelekile awatyikitye onke lomaphepha ongezelelekileyo.

1. **Inkcazelo yengxelo leyo:**______________________________

2. Inombolo ye- reference, ukuba ikhona:

3. Ezinye iinkcukacha zengxelo:______________________________

## E. IMIRHUMO

*(a)Isicelo sokufumana ingxelo, ngxelo leyo engenankcukacha ngobani, siyakuthi sijongwe emveni kokuba ubhatelwe umrhumo* ***wesicelo.***
*(b) Ubani ukuthi aziswe ngexabiso lomrhumo*
*(c) Umrhumo athi ubani uwubhatale uyakuxhomekeka ukuba ubani ufuna ngxelo injani kwaye ukufuna ngaxashe lini.*
*(d) Ukuba ubani uyabona ukuba asikho isidingo sokuba awukhuphe umrhumo, ubani kufuneka anike isizathu soku*

*Isizathu sokuba ubani angawukhuphi umrhumo:*______________________________

## F. INDLELA UBANI AFUNA NGAYO INGXELO:

Ukuba ubani unesizathu esithi simthintele ukuba abone okanye ave ingxelo, ubani kufuneka acheze indlela akhubazeke ngayo kwaye aze achaze ukuba mayiziswe ngoluphi na uhlobo.

Inkubazeko ______________________

Ingxelo ifunwa ngeyiphi indlela ______________

Bonisa ngokubeka u "X"

AMANQAKU:

(a) Ukuphumelela kwesicelo kuyakuxhomekeka ukuba ingxelo leyo ikhona na.

(b) Isicelo singakhatywa ngamanye amaxa. Kwixesha elinje ubani uyakuthi axelelwa ukuba angayifumana ngenye indlela na.

(c) Umrhumo othi ubhatalwe, ukuba ukho, iyakuba nguwo oyakuthi usixelele ukuba ingxelo iza ngandlela ni.

**1. Ukuba ingxelo ibhaliwe**

| | | | |
|---|---|---|---|
| Ikopi yengxelo | | Uphengululo lwengxelo | |

2. Ukuba ingxelo inemiboniso: (oku kuquka iifoto, iividiyo, imizobo, njl njl)

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Jonga imiboniso | | Kopa imiboniso | | Ukukhuphelwa kwemiboniso* | |

**3. ukuba ingxelo inamagama ashicilelweyo okanye ulwazi ulunokwenziwa izandi:**

| | | | |
|---|---|---|---|
| Mamela icwecwe | | Ukukhuphelwa kwecwecwe | |

**4. ukuba ingxelo igcwinwe kubuxhaka- xhaka bekomputja okanye kumatshini wombane:**

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Ikopi iprintiweyo | | Ikopi eprintiweyo enolwazi olusuka | | Ikopi esuka kwi khomputha. | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | kwingxelo | | | |

| | | |
|---|---|---|
| *Ukuba ufaka isicelo sekopi yengxelo, unganqwena oku ukuba kuposelwe kuwena? | EWE | HAYI |

## G. Iinkcukacha ngelungelo lokukhuselwa okanye kunikezwe:

Ukuba indawo yokubhala oyinikiweyo ayonelanga, ungabhala kwiphepha elisecaleni.

**Lowo ufaka isicela kufuneka awatyikitye onke amaphepha asecaleni.**

1. Bonisa ukuba ngawaphi amalungelo ekufuneka akhuselwe okanye anikezwe:

______________________________________________________________________
______________________________________________________________________
______________________________________________________________________

2. Cacisa ukuba kutheni lengxelo ifunwayo kufuneka ikhuselwe

______________________________________________
______________________________________________________________________
______________________________________________________________________
______________________________________________________________________

## H. ISIBHENGEZO SESIGQIBO ESITHATHIWEYO MALUNGANA NESICELO:

| |
|---|
| Ubani uyakufumana imbalelwani eyakuthi umxelele ukuba isicelo sakhe sivunyiwe okanye sikhatyiwe na. Ukuba ufuna ukuphendulwa ngenye indlela, sicela usicacisele ukuba yeyiphi londlela kwaye usinike neenkcukacha zalondlela ukuze sikwazi ukusifezekisa isicelo sakho. |

Ungafuna ukuxelwa njani na ngeziphumo zesicelo sakho?

______________________________________________________________________
______________________________________________________________________
______________________________________________________

Ityikitywe e ______________ ngosuku ____________ kunyaka ka __________________ 200
__________

______________________________________

Isityikityo sofake isicelo/ ekufakwe ngegama lakhe

**ISIHLOMELO B**

**IMIRHUMO KAWONKE- WONKE**

1. Umrhumo wekopi yencwadi ucamangwe kumiselo 5(c) yi R0.60 ikopi nganye.

2. Imirhumo yokwenziweyo ngokutsho komiselo 7(1) zezi zilandelayo: R? ikopi nganye ize iphephe libeyi 0.60

a) Ikopi nganye eprintiweyo esekhomputheni yi 0.40.
b) Ikopi esuka kwi khomputha ekwimo ye:

i. I-stiffy disc 5,00
ii. I-compact disc 40,00

(c) (i)Ikopi enemiboniso yi R22.00
(ii) Ikopi yemiboniso R60.00

(d) (i) Ikopi eshicilelweyo R12.00
iii. Ikopi eshicilelweyo R17.00

3. Umrhumo obhatalwayo xa ubani efake isicelo kumiselo 7(2) yi R35.00

4. Imirhumo ethi ibhatalwe ngulowo ufake isicelo kumiselo 7 (3) zinje:
(a) Ikopi nganye yi 0.60

(b) Ikopi nganye eprintiweyo eselugcinweni le khomputha yi 0.40

(c) Ikopi efundekayo ekwi khomputha-
(i) stiffy disc 5,00
(ii) compact disc 40,00

(d) (i) Imiboniso yi R22.00
(ii) Ikopi yemiboniso yi R60.00

(e) (i) Ikopi eshicilelweyo yi 12.00
(ii) Ikopi eshicilelweyo yi 17.00

(f) Ukukhangela ingxele ize ilungiselelwe yi R15.00 i awara nganye ngaphandle kwe awara yokuqala.

(5) Injongo yecandelo 22 (2) we- Act, oku kulandelayo kuyenzeka:
(a) Ii- awara ezintandathu zi- awara ezinokuthi ziqiwe phambi kokuba idiphozithi ibhatalwe kunye
(b) Isiqingatha somrhumo sibhatalwa njenge diphozithi ngulowo ufake isicelo.
(c) Imali yokuposa iyabhataleka xa ikopi yengxelo ithe kanti izakuposelwa kulowo ufake isicelo.

**ISIHLOMELO C**

**IMIRHUMO KAWONKE- WONKE**

1. Umrhumo wekopi yencwadi ucamangwe kumiselo 5(c) yi R0.60 ikopi nganye.

2. Imirhumo yokwenziweyo ngokutsho komiselo 7(1) zezi zilandelayo: R? ikopi nganye ize iphephe libeyi 0.60

(a) Ikopi nganye eprintiweyo esekhomputheni yi 0.40.

(b) Ikopi esuka kwi khomputha ekwimo ye:
(i) I-stiffy disc 5,00
(ii) I-compact disc 40,00

(c) (i)Ikopi enemiboniso yi R22.00
(ii) Ikopi yemiboniso R60.00

(d) (i) Ikopi eshicilelweyo R12.00
(iii) Ikopi eshicilelweyo R17.00

3. Umrhumo obhatalwayo xa ubani efake isicelo kumiselo 7(2) yi R35.00

4. Imirhumo ethi ibhatalwe ngulowo ufake isicelo kumiselo 7 (3) zinje:
(a) Ikopi nganye yi 0.60

(b) Ikopi nganye eprintiweyo eselugcinweni le khomputha yi 0.40

(c) Ikopi efundekayo ekwi khomputha-
(i) I-stiffy disc 5,00
(ii) I-compact disc 40,00

(d) (i)Imiboniso yi R22.00
(ii) Ikopi yemiboniso yi R60.00

(e) (i) Ikopi eshicilelweyo yi 12.00
(ii) Ikopi eshicilelweyo yi 17.00

(f) Ukukhangela ingxele ize ilungiselelwe yi R15.00 i awara nganye ngaphandle kwe awara yokuqala.

Injongo yecandelo 22 (2) we- Act, oku kulandelayo kuyenzeka:
(a) Ii- awara ezintandathu zi- awara ezinokuthi ziqiwe phambi kokuba idiphozithi ibhatalwe kunye

(b) Isiqingatha somrhumo sibhatalwa njenge diphozithi ngulowo ufake isicelo.

